UKUFUNDA IAKHAWUNTI YAKHO KAMASIPALA



HOAP

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI

DAG

II-AKHAWUNTI ZIKA MASIPALA

Oorhulumente beengingqi ngeengingqi banee-akhawunti ezijongeka zahlukile enye kwenye, kodwa zonke zineenkcukacha ezisisiseko ezifanayo, eziquka:

- Asetyenziswe kangakanani amanzi nombane;
- Ubungakanani bamatyala angekahlawulwa;
- Ewonke amatyala angekahlawulwa kunye nomhla ekufuneka ahlawulwe ngawo.

Ukufunda i-akhawunti yakho

- Jonga kuba isilinganisi manzi sakho sirekhoda ngokufanelekileyo na. Usetyenziso lwamanzi lulinganiselwa ngeekilomitha, umbane ngeeyure zekilomitha. Ikilomitha enye ilingana neelitha ezili 1000, ikilowatt yure sisixa samandla ombane ofunekayo khon'ukuze kusebenze izixhobo zombane ezibalelwa kwimilinganiselo yamandla ombane eli 1000 ngeyure enye
- I-akhawunti iquka iindleko ezahlukeneyo zeenkonzo ngeenkonzo, umzekelo ukurhafela iinkonzo ezithile kunye namanzi. Le mirhumo ingayeyamaxesha ngamaxesha ohlukeneyo. Ziqaphele uzigqale ezinkcukacha.
- Oorhulumente beengingqi abadli ngokuzifunda rhoqo ngenyanga ezizilinganisi manzi. Badla ngokuqikelela amanzi nombane onokusetyenziswa. Ngeenyanga ezifundwe ngazo ezizilinganisi, ke ngoko isixa-mali esihlawulwayo sisenokuba ngaphezulu okanye nganeno koqhele ukusihlawula.
- I-Value Added Tax yi rhafu ebizwa ngokuba yiVAT yi14% ngoku kwaye yongezwa kuwo wonke umrhumo weenkonzo ngaphandle kwerhafu zosetyenziso lwamanzi nombane.
- Inzala yongezwa kumatyala angekahlawulwa.
- Xa unezinto ongaziqondiyo fowunela inombolo yemibuzo ubuze ngento ofuna ukucaciselwa ngayo kwi akhawunti yakho okanye yiya kwii-ofisi zikamasipala. Thatha uxwebhu lwe akhawunti yakho uye nalo.
- Ukuba imali oyamkelayo ingaphantsi kwe R800 00 ngenyanga udla umhlala- phantsi okanye ukhubazekile, usenakho ukufumana umnikelo uze ke ngoko uhlawule umrhumo omncinane. Yiya kwii ofisi zika masipala uye kuqonda ngeendlela zokwenza isicelo salo mnikelo
- Gcina zonke ii akhawunti nerisithi zakho kwindawo ekhuselekileyo, kuba ezo ziziqinisekiso sokuba uyahlawula, yaye zibonisa nendleko zeenkonzo zenyanga nganye.

Ukuhlawula i akhawunti yakho

- Kufuneka ukuba uyihlawule I-akhawunti yakho nokuba akuyifumananga eposini. Yiya kwii ofisi zikaMasipala uye kufuna ikopi.
- Ii-akhawunti zisenokubhatalwa kwii-ofisi zikaMasipala kwaye ezinye zingahlawulwa kwiivenkile uPick n' Pay okanye uShoprite.
- Xa unamatyala ongekawahlawuli, yiya kwii-ofisi zikaMasipala wenze amalungiselelo okuhlawula loo mali usayityalayo. Xa ungazisi so iiakhawunti zakho, iinkonzo zombane namanzi ziyakunqunyanyiswa, okanye ungakhutshwa nokukhutshwa endlwini.


CAPE TOWN ADMINISTRATION

PAGE 1 OF 2

Tax Invoice

NOTE NEW ACCOUNT NUMBER

DEVELOPMENT ACTION GROUP
101 LOWER MAIN ROAD
OBSERVATORY
7925

27075 / RE 027A030
99A Lower Main Road
Observatory

YOUR ACCOUNT AT A GLANCE AS AT 11/04/2003
(FULL DETAILS ON THE REVERSE SIDE)

SERVICE	BALANCE BROUGHT FORWARD	PAYMENTS AND ADJUSTMENT OF PAYMENTS	CHARGES AND ADJUSTMENT OF CHARGES	CLOSING BALANCE	AMOUNT PAYABLE NOW	AMOUNT DUE 07/05/2003
REFUSE	85.74	85.74-	90.74	90.74	0.00	90.74
RATES	1,154.12	1,154.12-	1,154.11	1,154.11	0.00	1,154.11
SEWERAGE	414.34	414.34-	337.08	337.08	0.00	337.08
WATER	282.39	282.39-	282.69	282.69	0.00	282.69
TOTAL	2,001.59	2,001.59-	1,804.48	1,804.48	0.00	1,804.48

R 1,804.48

IMPORTANT NOTICES

PLEASE RETURN THIS PORTION WITH YOUR PAYMENT

DEVELOPMENT ACTION GROUP

ACCOUNT NO.: 111 629 340
DUE DATE: 07/05/2003
AMOUNT DUE: R 1,804.48

>>>>>>>>> 9 1510 111 629 340 7

Iinkcazo yeenkonzo- Usenokuthi kanti awuzifumani zonke ezinkonzo zidweliswe apha kule akhawunti.

Isixa mali obusityala kwi akhawunti yenyanga ephelileyo.

Intlawulo ozenzileyo kwi-akhawunti yenyanga edlulileyo.

Susa esi siliphu khon'ukuze usihambise nentlawulo yakho.

Iindleko zeenkonzo zikaMasipala zale nyanga kunye nenzala yetyala elingekahlawulwa.

Isixa-mali ongekasihlawuli.

Isixa-mali salenyanga esifuna ukuhlawulwa ngomhla owalathiweyo.

Ityala elingekahlawulwa elifuna ukuhlawulwa ngoko nangoko.

Amacebo

- Iisilinda zamanzi ashushu zisebenzisa amandla ombane kakhulu. Yicime isilinda yakho xa ungayisebenzisi, cinga ngokusebenzisa isixhobo esisebenza ngamandla avela elangeni.
- Iindawo ekucocwa kuyo amanzi amdaka edolophu zibalwa ngokwamanzi asetyenziswa emzini.

ELONA CEBO LIPHILILEYO LELI:



- Jongisisa I-akhawunti yakho.
- Kubuze ngoko nangoko ongakuqondiyo.
- Nxibelelana ne-ofisi ka-Masipala xa ungakwaziyo ukuhlawula.

QAPHELA NEENCWADANA EZINGO:

- Ukwazi amaxabiso eRhafu neenkonzo zikaMasipala.
- Ukuphucula ukusetyenziswa kwamandla ekhayeni lakho.

Cordaid

eed Evangelischer Entwicklungsdienst

DAG

EUROPEAN UNION

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group
101 Lower Main road, Observatory, 7925
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987

zeeshaan nordien dtp